



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

GRADE 11

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELWEYO – IPHEPHA LOKUQALA

NOVEMBA 2009

AMANQAKU: 80

IXESHA: 2 iiyure

Olu viwo lunamaphepha ali – 11.

QAPHELA:

Eli phepha lahlulwe langamacandelo AMATHATHU ami ngolu hlobo:

ICANDELO A – UVAVANYO LOKUQONDA	(30)
ICANDELO B – USHWANKATHELO	(10)
ICANDELO C – UKUSETYENZISWA KOLWIMI	(40)

IMIYALELO:

1. Phendula YONKE imibuzo ngesiXhosa.
 2. Qala iCandelo ngalinye ephepheni elitsha uze ukrwele umgca emva kweCandelo ngalinye.
 3. Shiya umgca phakathi kweempendulo zakho.
 4. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo zonke iimpendulo zakho unombola ngendlela esetyenziswe kwiphepha lemibuzo.
 5. Nika ingqalelo eyodwa kuPELO nendlela owakha ngayo IZIVAKALISI zakho.
- Umthamo wempendulo mawulawulwe linani lamanqaku.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo uze uphendule imibuzo. Umthamo wempendulo mawulawulwe linani lamanqaku.

ISICATSHULWA 1.1

Ukhe uzifumane uhleli emva kwedesika unqwenela ukuba ngowawulandele intliziyo yakho waba ngumfoti okanye umbhali endaweni yokulandela ikamva lokuba ngumbali-mali okanye i-IT (Information Technology)? Yintoni ekubambileyo? Ukuba woyika ukuthatha umtsi omkhulu ushiye uzinzo lwemali oyifumana emsebenzini wakho uya kuba uzithintela ekuxhamleni impumelelo yenye inkqubela-phambili yobomi. Ungaze ungabuhoyi ubutsha-ntliziyo bakho. Awukwazi okunokuthi kwenzeke ekuhambeni kwexesha. Into oyithandayo ingaba yinkqubela-phambili enempumelelo.

UThandi oneminyaka engama -33 waba kwizikhundla eziphezulu njengomanejala wasemthethweni omkhulu kwezinye zeenkampani zoMzantsi Afrika. Nangona wayonwabile kumsebenzi wezemali onesantya esiphezulu ofuna ukusebenzisa ingqondo wayelangazelela enye into eyahlukileyo kule wayeyenza. Wayefuna into ehambelana nesimo sakhe sobugcisa.” Umsebenzi wam wawusitya ixesha ngoko lalilincinane ixesha lokuba ndonwabele ubomi bam”. Wafumanisa ukuba umdla wakhe ngowokwenza izihombiso ezenziwe ngamatye anexabiso. Kwiinyanga ezilishumi elinesibhozo phambi kokuba afake isicelo sokuyeka emsebenzini waqalisa ukwenzela usapho lwakhe nabahlobo izacholo neentsimbi zomqala ngamatye anexabiso kunye nekristale.

Ndandiwuvuyela umceli-mngeni wokuba ndibe nobugcisa. Ukufaka kwabahlobo bam nosapho i-odolo kwandenza ndaba nomdla ngakumbi yaze nengcinga yokuba ndibe ngumyili yasoloko indithukuthezela. Ekugqibeleni ndagqiba ukuba ndiwushiye umsebenzi wam. “Yaba sisigqibo esilula esi kuba emazantsi entliziyo yam ndandinento ethi mandilandele iphupha lam, into eza kundanelisa.” “Emva kokuba ndimkile ndeva kukho into ehlileyo amagxeni am. Ndazibona ndinenjongo nangona ndandisazi ukuba ndishiya ngasemva imali esisigxina endiyifumana njalo ukuphela kwenyanga noncedo endandilufumana.”

Esazama ukumisa ishishini lakhe waphangela ebhankini kabini evekini kangangeenyanga ezine. Wamisa igumbi lakhe lokusebenzela ekhayeni lakhe waze wazisa abantu abanokuba ngabaxumi bakhe. Kwakufuneka ahambe neesampuli ukuya ezivenkileni esiya kubonisa abathengi imveliso yakhe nokuzithengisa buqu. Oku kwakungekho lula kuba wayeqhele ushishino oluza kuye, ngoku yayinguye ekufuneka ase urhwebo kwabanye abantu. Ukutshintsha kwakhe ikamva kwaguqula bonke ubomi bakhe. Wafumanisa ukuba waneliseke ngakumbi kuba ulandele iphupha lakhe.

[My Clever Gr9 Iphepha 84-85]

4 ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO – IPHEPHA LOKUQALA (NOVEMBA 2009)

- 1.1.1 Yintoni ebangela ukuba kube nzima ukufika empumelelweni ngokwalapha kwisicatshulwa? Chaza (2)
- 1.1.2 Sesiphi isifundo esibalulekileyo ekufuneka usiphumelele xa uza kuba ngumbali-mali? (1)
- 1.1.3 Abantu abanezi zifundo ze-IT baluncedo njani eluntwini? (1)
- 1.1.4 Nika izinto zibe MBINI awaqala wazenza uThandi phambi kokuba acinge ngokuyeka ukuphangela. (2)
- 1.1.5 Ingaba bubuchule ukuyeka emsebenzini xa uziva wonene okanye udikiwe? Xhasa okanye uchase impendulo yakho ngomzekelo. (2)
- 1.1.6 Wayesenza msebenzi mni uThandi phambi kokuba aqale ishishini lakhe? (1)
- 1.1.7 Waphangela phi ngexesha esazama ukuba ishishini lime? (1)
- 1.1.8 Chonga amagama kwisicatshulwa achaza ukuba uThandi wayengasebenzi singxungxo. (1)
- 1.1.9 Yintoni uThandi awayengayithandi ngomsebenzi wakhe? (1)
- 1.1.10 Gqibezela eli qhalo/esi saci: Isiqhelo siya (1)
- 1.1.11 Ingaba urhulumente weSebe lezeMfundo unalo na ulungiselelo alwenzayo ezikolweni ukukhawulelana nabafundi ekwakheni ingomso eliqaqambileyo malunga nezifundo ezingqamene nezakhono? (2)
- 1.1.12 Nika isithetha-ntonye segama 'ukuthintela' ngendlela elisetyenziswe ngayo kwisicatshulwa. (1)
- 1.1.13 Nika intsingiselo elula yala magama alandelayo:
- (a) isantya esiphezulu
 - (b) ukuyila
 - (c) ubugcisa

(3)
[19]

ISICATSHULWA 1.2

Tshintsh'ingqondo yakho!

Okucingayo kuko okulawula okwenzeka ebomini bakho, ngoko tshintsh'ingqondo yakho, cinga okuhle uza kuzibona ngokukhawuleza iziphumo zekamva elihle neliqaqambileyo.

Indoda esisilumko yakhe yathi ngenye imini, “ukuba kukho into omana uyicinga, ekugqibeleni uza kude udibane nayo endleleni yakho”. Iingcinga zakho zizo ezilawula okwenzekayo ebomini bakho. Kunganzima ukuyikholelwa le nto, kodwa yinyaniso. Ingxaki kukuba uninzi lwethu sicinga okubi. Oku kuthetha ukuthi: iingcinga zethu zisoloko zimbi. Inggqondo asinike yona uThixo inegumbi eligcina iinkumbulo nemibono. Iinkumbulo zigcinelwe ukuze zikuphindele okwenzekayo, ngelixa imibono isetyenziselwa “ukubona” ingomso.

Inyaniso kukuba yonke into esiyibonayo ngalo mzuzu ziziphumo zemibono yomntu. Abanye abantu imibono yabo bayisebenzisela ukuzenzela ubutyebi ebomini babo benze nemisebenzi emihle eluntwini, ngelixa abanye benemibono yendlala nelahleko baze bagqibele bekwimeko ebebeyilindele ngenene. Wonk'umntu uyinto ayicingayo. Wonk'umntu ophumeleleyo ndiyazi ukuba uzixelele ukuba uza kuphumelela ebomini. Bazakhela umfanekiso wezinto abafuna ukuba zizo kuze kuthi ekuhambeni kwexesha, ikamva labo lijike libe yile nto bebeyicinga ngaphakathi.

Ndiyazi ukuba wonk'umntu ongenampumelelo naye unombono, kodwa ngumfanekiso ongenampumelelo, onentlupheko nelahleko. Yiba neengcinga ezintle ezinempumelelo iya kutsho ingqondo yakho ikwazi ukufumana izisombululo zemiceli-mingeni ojongene nayo ikukhokhelele kuloo ndawo unqwenela ukuba kuyo.

Ukuba iingcinga zakho zimbi, unganazo zonke izinto ezingakunceda uphumelele kodwa zingasebenzi.

Yeka iingcinga eziza kukweyelisela ngakumbi. Zinzisa ingqondo yakho kwizinto ezintle kuphela. Musa ukumosha ngenqondo nexesha lakho ucinga ngezinto ezingendawo ezikungqongileyo okanye ukhumbula izinto ezimbi ozenziwe ngabantu. (Kholwa xa ndisithi wonke ubani ukhe wangcatshwa ngaphambili).

Ukuba ubona intlungu yodwa kwingomso lakho, zikhumbuze ukuba intlungu inenzuzo.

Umehluko phakathi kwabantu abaphumeleleyo nabangenjalo yindlela abacinga ngayo nabasebenzisa ngayo ulwazi. Umntu oneengcinga ezintle uwubona umqobo endleleni yakhe njengethuba lokonyuka komvuzo wakhe. Kaloku ebomini ngokuya iingxaki zisiba nkulu ngokunjalo nomvuzo.

Oneengcinga ezingenathemba uzibona iingxaki njengecebo lokuncama. Abanye abantu bazama ukwenza izinto ezinkulu kodwa emva kokudibana neengxaki, bancame ngokwasengqondweni, baqale bangahoyi, bagqibele ngokuyiyeka mpela. Eyona nto ibalulekileyo ayizizo izinto ezenzeka ebomini bethu –kodwa yindlela esizitolika ngayo thina nendlela esikhetha ngayo izinto emazihlale ezingqondweni. Isiganeko esinye singenza omnye umntu abe noxinzelelo lwengqondo kanti komnye uxolo nethemba. Kuxhomekeka ukuba ucinga njani na ngalo “ngxaki”.

[BONA XHOSA JUNE 2009]

- | | | |
|-------|---|-----|
| 1.2.1 | Ingaba lukhona unxulumano phakathi kwesicatshulwa 1 no 2. Chaza unika nemizekelo. | (2) |
| 1.2.2 | Ingaba le nto ibubulumko ivame ukufumaneka kubantu abangakanani? | (1) |
| 1.2.3 | Yeyiphi eyona nto elawula okwenzekayo ebomini bethu ngokwalapha kwisicatshulwa? | (1) |
| 1.2.4 | Yintoni uYehova ebalulekileyo ayinike uluntu ngokwalapha kwisicatshulwa? | (1) |
| 1.2.5 | Nika iziphumo ezenziwa ziingcinga ezintle ezixelwe kwisicatshulwa. | (2) |
| 1.2.6 | Chonga igama kwisicatshulwa elithetha into enye negama ‘ikamva’. | (1) |
| 1.2.7 | Nika imfundiso yombhali kweli bali. | (2) |
| 1.2.8 | Nika intsingiselo yegama ‘ukungcatshwa’. | (1) |

[11]

[30]

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

UMBUZO 2

Funda esi sicutshulwa silandelayo uze usishwankathele ngamagama amalunga nama-60 – 70. Zama ukushwankathela ngamazwi wakho.

Shwankathela ngezivakalisi ezipheleleyo.
Sebenzisa awakho amazwi ngokusemholweni.
Shwankathela ungadluli kumagama angama-60.
Bhala inani lamagama owasebenzisileyo ngezantsi kwesishwankathelo.
Umsebenzi wakho mawucoceke.

Qaphela: Uza kohlwaywa xa ungayenzanga le miyalelo ingasentla.

Umfo ogama linguNyamayipheli wazivulela ishishini lokuthengisa inyama. Ivenkile yalo mfo icoceke kakhulu kwakunye nabasebenzi bakhe bacocekile kwaye banesimilo nendlela eyiyo yokuthetha nabathengi. Eli shishini lalo mfo waliqala kancinane kanti uya kude. Ndithetha nawe nje ngoku udumile unguSaziwayo.

Le venkile yakhe uyahlula-hlulile, likhona icala elithengisa inyama ekrwada, ze kuphinde kubekho icala elingena abathengi abojayo. Into ethetha ukuthi kwelinye icala kuyabengwa. Lo mfo unonxibelelwano namafama athengisa iigusha neenkomo. Ubaxabisile abathengi bakhe. Xa besoja inyama uyazixuba nabo ancokole ahleke kube mnandi, kwelinye icala unevenkile ethengisa inyama efunwa ngabathengi. Abathengi bakhe bayakwazi uku-odola inyama leyo ngefowuni okanye umnxeba umntu afike sele eyojelwe ke inyama yakhe athathe nje ngokubhatala.

Abantu bemibutho inyama bayithenga kwaNyamayipheli. Xa ebuzwa impumelelo yakhe ukuba wenza njani na, uthi ayikho inkomo yobuthongo kwaye ngaphezulu xa into uyifuna uba nomonde uphume nkalo zonke uyizuze. Sele uyizuzile uthi akulunganga ukuzigwagwisa, xabisa abathengi bakho kuba ngaphandle kwabo ayikho impumelelo. Kunjalo nje ucebisa esithi naxa benezinto abazikhalazelayo, lungisa ungabi namsindo kwaye ucoceke, nendlela eyiyo yokuphatha imali xa uneshishini ibaluleke kakhulu. Utsho esithi esihlalayo sidla ukuhlala esiphilayo sesithwethwayo.

[*Rhabula ungafinci*, Ibanga 8 Iphepha 67] [10]

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: UKUSETYENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 3

Funda esi sicutshulwa silandelayo wandule ukuphendula imibuzo.

Izimvo zethu ezintle ziyatshabalala zingaphunyezwa ngurhulumente ophetheyo kuba sidinga ukukhuthazwa, ukuqeqesheka, ukufundiswa ngezinto ezintsha. Abantu abaninzi wofika besithi baza kuzikhupha, bambi bathi baza kuya kumaziko okulolonga imizimba ukuze bangatyebi.

Kukho abo baqhuba amatakane abangakwaziyo ukwenza ngaphandle kobhelu lomsele nabo bathanda icuba labaThwa asazi ukuba iza kubanceda na into yokuya kuzilolonga ejimini.

UMphathiswa weSebe lezeMpilo uvakalise ukuba abantu abazimisele ekutshayeni nasetywaleni baza kohlwaywa ngesohlwayo esiqatha.

- 3.1 Ingaba amagama alapha ngezantsi enze msebenzi mni kwizivakalisi akuzo?
(a) ejimini
(b) ezintle
(c) ukukhuthazwa (3)
- 3.2 Nika intsingiselo elula yamagama akrwelelwe umgca kwisicutshulwa (2)
- 3.3 Nika isithetha ntonye sala magama alandelayo
(a) Ubhelu lomsele
(b) Icuba labaThwa (2)
- 3.4 Isenzi u –bangatyebi usebenze kweyiphi imo? (1)

[8]

UMBUZO 4

Jongisisa lo mfanekiso ulandelayo uze uphendule imibuzo.



[BONA JUNI 2009]

- 4.1 Khupha igama elibolekwe kolunye ulwimi apha kulo mfanekiso ulilungise. (2)
 - 4.2 Loluphi udidi lwabantu olunokutsalwa yile Bona? (2)
 - 4.3 Chonga isihloko esinokuthi sitsale abantu basetyhini. (1)
 - 4.4 Bhala eli nani R22 000 ngamagama. (1)
- [6]

UMBUZO 5

Khawonwabele ukusetyenziswa kwezafobe entethweni yakwaXhosa kwezi zivakalisi zilandelayo, uze uxele ukuba lisesiphi na isafobe ibinzana ngalinye.

- 5.1 Zahleka izinja bathi nqa abantu.
- 5.2 Owu! Yingcuka eyambethe ufele lwegusha lowo ungamthembi.
- 5.3 Intloko yakhe yaqhekeka kubini akuva iindaba zokutsha kwemoto yakhe.
- 5.4 Inyibiba nqwa nomtshakazi ngobuhle. [4]

UMBUZO 6

Lungisa le ntetho ilandelayo ngokuthi ulungise iziphene ukuze inike intsingiselo eyiyo.

Ndicimba fana kubalulekile ukumkhulisela enkozweni umntana wakho, kodwa mna ndithanda lena yabantu abamunyama. Njendikhula bhendingazazi ezinye izinto ezenziwa ngabanye abantwana ezinje ngokungabi nanhlonipho nokubhema. [8]

UMBUZO 7

Nika intsingiselo evezwa ngala magama anomgca ngaphantsi kwezi zivakalisi zingezantsi.

- 7.1 Uliphatha kakuhle ikhaya umntu ongaseliyo.
- 7.2 Kaloku uZola liphatha umlibele?
- 7.3 Uye wajonga entungo ukunqanda iinyembezi.
- 7.4 lintungo zakhe zibhitye okwenaliti. [4]

UMBUZO 8

Sebenzisa igama libe liNYE kwinkcazelo oyinikiweyo apha ngezantsi.

- 8.1 Ukwenza into ongenabuchule bayo.
- 8.2 Ingxowana ephathwa ngabafazi, yokuphatha icuba, nenqawe.
- 8.3 Ukungcola okusendlebeni
- 8.4 Ingqaka enamathele emlonyeni weselwa.
- 8.5 Umntwana wokuqala oyintombazana. [5]

UMBUZO 9

Sebenzisa izenzi ezikwizibiyeli kwezi zivakalisi zilandelayo ngendlela efanelekileyo ukuze zinike intsingiselo eyiyo. Bhala isenzi esilungisiweyo kuphela.

- 9.1 Utata uthi uza (thatha) unyana wakhe umfazi. (1)
 - 9.2 Loo nto uyiphetheyo (funa) ngumniniyo. (1)
 - 9.3 (Funa) ntoni na wena ngutata wakho? (1)
- [3]

UMBUZO 10

Dibanisa ezi zivakalisi zilandelayo ngezihlanganisi ezifanelekileyo.

- 10.1 Simthanda kakhulu. Yena akasikhathalele. (1)
- 10.2 Lo mntwana akatshongo. Uyeza. (1)

[2]
[40]

AMANQAKU ECANDELO C: 40

EWONKE AMANQAKU: 80